

Ingcaciso ebalulekileyo eyongezelelweyo

1. Ingcaciso ngeemfuno ezingummiselo zokungenela ukhuphiswano:
 - Zonke izincoko mazingeniswe zitayitshiwe yaye zibhalwe ngesiNgesi.
 - Isihloko sesincoko masivele kwikhasi lokuqala lesincoko.
 - Inani lamagama ewonke kwisincoko malibhalwe nalo kwikhasi lokuqala.
 - Onke amaphepha makabhalwe iinombolo.
 - Igama lomfundi negama lesikolo malivele kula makhasi esincoko.
 - Isincoko, kungadityaniswa bhibliyografi, masibe namagama aphakathi ko-2 200 no-2 500.

2. Inkcazo-ntetho yomlomo iyinxenye yala manqaku okhuphiswano lulonke yaye mayenziwe ngesiNgesi esikolweni nangethuba lokugweba lokugqibela.

3. **La maxwebhu alandelayo makahambe nefom yokungenela nganye:**
 - a) Ifom yokungenela ukhuphiswano ezalisiweyo.
 - b) Isincoko esimakishiweyo nerubriki yovavanyo ezalisiweyo.
 - c) Ikopi engqiniweyo yomfundi ongenela ukhuphiswano yesazisi saseMzantsi Afrika okanye isatifikethi sokuzalwa somfundi.
 - d) Ikopi engqiniweyo yomfundi ongenela ukhuphiswano yeziphumo zezifundo zeBakala 10 zomfundi neziphumo zezifundo zangoJuni zeBakala 11.
 - e) Ingxelo eyazisa ukuthembeka kwengcaciso (*declaration of authenticity*).
 - f) Ubungqina bengeniso yabazali idityanisiwe (*combined income of parents*).

4. **Amaxesha abekiweyo okhuphiswano:**
 - 4.1 Umhla wokugqibela wokungeniswa kwezincoko kumququzeleli wesikolo: **ngowe-25 Agasti 2023.**
 - 4.2 Inkqubo yokugweba ezikolweni: **28 Agasti ukuya kwi-08 Septemba 2023.**
 - 4.3 Ukungeniswa kwezincoko kwi-ofisi yesithili: ngowe-**10 Novemba 2023.**
 Mayibhalwe ngolu hlobo imvulophu:
For attention: Economics Subject Adviser
(Nedbank-Treasury-WCED Bursary Competition)
 - 4.4 Ukugweba kwinqanaba lesithili makugqitywe yiphaneli etyunjiweyo ngo-Novemba 2023
 - 4.5 Ezona zincoko zigqwesileyo zilishumi kwisithili ngasinye mazingeniswe kwi-*Deputy Chief Education Specialist (DCES): Economics* kwaNdlunkulu weSebe iWCED ungadlulanga umhla we-**24 Novemba 2023.**
 - 4.6 Abafike kumjikelo wokugqibela baya kukhethwa yiphaneli ngoFebruwari 2024.

4.7 Abafike kumjikelo wokugqibela baya kwenza udliwano-ndlebe yaye kwaziswe amagama abaphumeleleyo emva kwemini ngoLwesihlanu nangoMgqibelo ngoMatshi/Apreli 2024.

5. **Ingcaciso ngenkqubo yokugweba**

5.1 likhrayitheriya eziphambili

5.1.1 Okona kugxininiswayo kolu khuphiswano kukutshatshela kwizifundo nakwiziphiwo zomfundi ngamnye.

5.1.2 Kuya kujongwa kwizincoko ukuqaqamba kwesakhono sobuchule (*merit*) somfundi ubukhulu becala.

5.1.3 Izincoko eziqaqambe ngokulinganayo ziya kuvavanywa kwakhona, kusetyenziswa ezi khrayitheriya zilandelayo:

- Iziphumo zezifundo (iziphumo zeBakala 10 neziphumo zangoJuni zeBakala 11).
- Iimfuno zemali zomfundi, zisekelwe kwingeniso yekhaya yabazali okanye yabagcini bomfundi (*guardians*).
- Ukhubazeko (luya kuqwalaselwa ukunika amathuba alinganayo)
- Ukuthatha inxaxheba komfundi kwezoluntu nokuzinikela ekusombululeni iingxaki zentlalo nezozoqosho zeli lizwe.

5.2 likhrayitheriya ezongezelelweyo

Iphaneli yabagwebi kumjikelo wokugqibela iya kuqhuba udliwano-ndlebe nabafikelele kumjikelo wokugqibela wokukhetha abaphumeleleyo. Iphaneli iya kuvavanya umfundi ngamnye ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:

- a) Ubukrelekrele bengqondo.
- b) Ubuchule bokucwangcisa nokuqhuba ingxoxo ecingisisiweyo.
- c) Ulwazi nokuqonda imiba eqhubeka njengangoku kwezentlalo nezozoqosho.

6. **Ingcaciso ngokubanzi**

6.1 Ezona zincoko zigqwesileyo kwinani lezingenisiweyo ziya kukhethwa njengezokugqibela (*finalists*).

6.2 Bonke abagqwesileyo bokugqibela baya kuba ziindwendwe zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni noNedbank, yaye kulindeleke ukuba baye kuwo onke amatheko alungiselelwe oku.

6.3 Kuya kulindeleka ootitshala ukuba badlale indima njengabacebisi babafundi ngokuthi babanike iingcebiso ngethuba leeseshoni zokunxibelelana nge-intanethi.